




Kudala-dala izilwanyana zazihlala zonke ehlathini. UMqhagi wawuyinkosi yezilwanyana.


Umqhagi waxelela izilwanyana ukuba isingci esiphezu kwentloko yakhe sasingumlilo. Le nto yenza ukuba zonke izilwanyana ziwoyike umqhagi.






Ngalo mihla umlilo wawusenziwa ngesiloli somkhonto. Ngaminazana ithile eyayisina imvula, Isiloli somkhonto seHlosi saba manzi. Wayengakwazi ukubasa umlilo afudumeze usapho lwakhe.


IHlosi lathumela amantshontsho alo ukuba aye kucela umlilo kuMqhagi kwisingci sakhe.






UMqhagi wawungonwabanga kwaphela ngaloo mini. Wawaphindisela emva loo mantshontsho ungawanikanga mlilo. Lwakhathazeka uHlosi xa amantshontsho ebuya engaphethanga nto.


Ebusuku kakhulu xa uMqhagi wawusele ulele, iHlosi namantshontsho alo baya kuba umlilo kwisingci soMqhagi.






UHlosi lwabeka ingca eyomileyo ecaleni kwesingci soMqhagi. Kodwa ingca zange iwubambe umlilo. Ngononophelo uHlosi lwabamba isingci soMqhagi. Sasibanda nkce!


Amantshontso weHlosi nawo asibamba isingci soMqhagi. Hayi akukho mlilo! Usapho loHlosi lwaqalisa ukuhleka, baphela yintsini.






Intsini yala mahlosi yavusa uMqhagi nezikhukukazi ebuthongweni. UMqhagi wajongisa isingci sakhe kuloo mahlosi uwagrogrisa ngokuwatshisa, ekhwaza, “Kumele nibaleke. Anoyiki?”

UHlosi lwaphendula lwathi: “Sisibambile isingci sakho kwaye siyalazi iqhinga lakho! Siya hamba ke ngoku siya kuxelela zonke izilwanyana. Zizakuba nomsindo kuwe.”





Izikhukukazi zoyika. Zabaleka waze uMqhagi wazilandela. Iinkukhu zalibaleka ihlathi zaya kuhlala nabantu

Ukususela ngoko iinkukhu zawoyika amahlosi zahlala nabantu ukuze bazikhusele.

